

Ibali

Undwendwe lukaMbabala

Kudala kwaye kukho uMbabala owayehlala kwindlwana encinci yeenkuni. UMbabala wayesoloko ewushiya uvuliwe umnyango xa ehamba. Ngenye imini uMbabala waya emlanjeni eye kusela amanzi, wawushiya umnyango wakhe uvuliwe. Wathi xa ebuyela endlwini waqaphela ukuba umnyango wakhe uvalekile. UMbabala wabanexhala waze ngelizwi eliphantsi leMbabala wathi, "Ngubani osendlwini yam?" Wamamela, walinda. Kwaphendula umntu ngelizwi elingqokolayo. "Ungawuvuli umnyango okanye ndiza kukutya!" UMbabala woyika kakhulu.

UMbabala wabaleka waya kufuna umhlobo wakhe uNdlovu. Wamfumana uNdlovu emi phantsi komthi ejiwuzisa umboko wakhe ngolu hlobo. UMbabala wathi, "Ndlovu, Ndlovu, ungandinceda?" Waphendula uNdlovu, "Ewe mhlobo wam, yintoni ingxaki?" "Kukho umntu endlwini yam uthi uza kunditya," watsho uMbabala.

Ngoko ke uNdlovu noMbabala babuyela endlwini. UNdlovu wahamba ngoko kucothoza kwakhe kwendllovu. UMbabala wabaleka ngaloo ndlela yakhe ikhawulezayo itsibatsibayo yeMbabala. Bakubuyela endlwini, uNdlovu watsho ngelizwi elicothayo leNdlovu wathi. "Ngubani osendlwini kaMbabala?" Ilizwi elikhulu elingqokolayo lathi, "Ungawuvuli umnyango okanye ndiza kukutya!"

"Mhmmm, andifuni ukungena ngaphakathi endlwini yakho," watsho uNdlovu. "Owu nkosi yam!" watsho uMbabala, "Ngubani ongasinceda?" UNdlovu noMbabala bajongana baze bobabini bathi, "Masihambe siyokubiza umhlobo wethu okhaliphileyo, oligorha, uNgonyama." Bamfumana uNgonyama, wayelele thwi-i elangeni elishushu. UNdlovu wabiza uNgonyama wathi, "Ngonyama, Ngonyama, ungasinceda?" UNgonyama wathi, "Ewe mhlobo wam, yintoni ingxaki?" "Kukho umntu endlwini kaMbabala, uthi uza kusitya," watsho uNdlovu. UNgonyama waqethukisa intloko wagquma. Waze waphakama wahamba waya

Xa ufunda eli bali okwesibini nokwesithathu uze uxoxe ngalo nabantwana, uza kufumanisa ukuba maninzi amathuba okuxoxa ngeemvakalelo nezenzo zabalinganiswa ebalini. Kutheni uMbabala esiyokulanda uNdlovu? Kutheni uMbabala noNdlovu besiya kulanda uNgonyama? Ungaxoxa nangobuhlobo. Bacinga ntoni abantwana ngomdlalo owenziwe nguSele kubahlobo bakhe? Ingaba abahlobo babo bakhe benza into enje? Bacinga ntoni ngoncedo uNdlovu noNgonyama abalunike uMbabala? Ingaba banabo abahlobo abanokubanceda xa besengxakini nokuba iyoyikisa?



endlwini kaMbabala enyantsula ngokuzingca kwengonyama.

Akufika endlwini, wathi ngelizwi elikhulu elinomsindo, "Ngubani osendlwini kaMbabala?" Kwakhona ilizwi lathi, "Ungawuvuli umnyango okanye ndiza kukutya." UNgonyama wagquma wathi, "Intoni? Utye mna, inkosi yezilwanyana?" Kwabakho ingxolo encinane erhuquzayo enjengale kunye nengxolo encinane egigithekayo njengale

Laze ke ucango lwavuleka kancinane uSele waxhuma-xhuma waphuma etsho ngoncumo olukhulu ebusweni bakhe. "Ummangaliso! Ummangaliso! Ndim kwaphela," watsho uSele. Wonke umntu wahleka waze uNdlovu wathi, "Ndingoyena mkhulu, kodwa wena Ngonyama ungoyena ukhaliphe kakhulu!"

UMbabala wathi, "Enkosi, enkosi ngoncedo lwenu bahlobo bam abalungileyo."

Liphela njalo ke ibali lethu.